Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

1.1 Ndaphantsa ndalahla ithemba ngaloo mhla **[50]**

1.2 Uthethathethwano yeyona nto ingaluncedo emakhayeni ethu **[50]**

1.3 Apha ebomini iindlela zimbini **[50]**

1.4 Ndaziva sele ndisithi, "Vuleka mhlaba ndingene ..." **[50]**

1.5 Yayingathi andisafiki esikolweni **[50]**

1.6 Izinto ezinkulu ziqala kancinci **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7.1 OKANYE 1.7.2). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7.1



[Uthathwe ku-www.istockphoto.com] **[50]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.3 **I-OBHITSHUWARI**

- I-Obhitshuwari ibhalelwa umntu ongasekhoyo ibhalwa ngabo bahleliyo.
- Sisikhumbuzo ngamagqabantshintshi obomi bakhe.
- Akuvumelekanga ukuba kusetyenziswe oo-Ndi kuba ingenguye lo uswelekileyo obhalayo.
- Umhlathi wokuqala makuvele igama longasekheyo, umhla azalwe ngawo, abazali bakhe, ungumntwana wesingaphi ebazalini kunye nomhla asweleke ngawo.
- Isizathu sokusutywa kukufa singakhona asinyanzelekanga.
- Umhlathi wesibini mawuqulathe imfundo yakhe nezinto azibalule ngazo ekuhlaleni.
- Kungaveliswa nezinto azenzileyo njengokuba ebegcina abantwana nje.
- Umhlathi olandelayo mawube ngamazwi entuthuzelo kusapho
- Angakhatshwa ngamazwi naye lowo ungasekhoyo umzekelo – Hamba kakuhle njalo-njalo. **[30]**

2.4 **UDLIWANO-NDLEBE**

- Undliwano-ndlebe malube malunga neendlela ezintsha zokulungiselelwa kwabafundi ukuze baphumelele ibanga labo le-12.
- Malube phakathi komfundi nomphathiswa wezeMfundo uNkosazana Gwarube.
- Ifomathi mayibe ngumbuzo olandelwa yimpendulo.
- Izithethi mazinikwe amagama kushiywe umgca phakathi kwezithethi.
- Amagama ezithethi abhalwe kwicala elisekhohlo ephepheni kubekwe ikholoni ze kulandele intetho yesithethi.
- Kwintshayelelo unike imvelaphi yombuzo nalowo ubuzwayo.
- Kwisiqu obuzayo ubuza imibuzo esemxholweni emalunga nokulungiselelwa kwabafundi bebanga le-12 ukuze baphumelele.
- Iimpendulo mazicace ngokwaneleyo zinike izimvo neengongoma ezifanelekileyo.
- Umntu obuzwayo uphendula imibuzo aze anike ulwazi olulindelekileyo.
- Kuvumelekile ukusebenzisa umntu wokuqala umzekelo: 'Ndi ...' **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ubeMNYE, aze athi ukuba ukhethe yamibini, umakishe owokuqala.
- Ubude bomhlathi omfutshane mawube ngama-60 ukuya kuma-80 amagama umxholo kuphela.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo C ukumakisha lo mhlathi.

**UMBUZO 3**

3.1 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

- Makuvele igama lalento ithengiswayo.
- Makachaze nokuba ifumaneka phi.
- Ulwimi lokubhengeza maluqatshelwe.
- Umxholo mawube ngesidi (CD) leyo intsha ithengiswayo.
- Makuvele ukuba kuthengiselwa bani.
- Ixabiso layo malibonakale. **[20]**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

- Ibhalwa kumntu wokuqala, kusetyenziswa izakhi oo 'ndi'
- Mayibe lolweentsuku ezintlanu.
- Umhla wokubhala ubalulekile.
- Angalifaka ixesha xa eza kubhala kabini ngosuku.
- Umxholo wakho mawube ngezinto oza kuzenza kwiiholide zikaSeptemba ukulungiselela iimviwo zokuphela konyaka.
- Akunyanzelekanga ukuba imihla ilandelelane.
- Iimvakalelo zakhe zingabonakala.
- Umviwa uvumelekile ukuba asebenzise nolwimi olungekho sesikweni. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

- Kunikwa izalathisi zendlela kumhlobo osuka Clifford Hotel oya kwiPublic Library.
- Izalathisi mazingqale ngqo ngokomxholo nenjongo yayo.
- Izalathisi mazichaneke.
- Mazingabi nzima ukuba zilandeleke.
- Umviwa makasebenzise izivakalisi ezifutshane kwaye isivakalisi esinye siqulathe umyalelo omnye.
- Kusetyenziswa isiyaleli (izenzi ezikuhlobo lokuyalela)
- Makubhalwe kwixesha langoku.
- **Umviwa angasebenzisa nayiphi indlela echanekileyo eya kumfikisa ePublic Library.** **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

